A

IMVO ZABANTSUNDU.

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI IXABISO 3d. (NATIVE OPINION) KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, AUGUST 19,1885. LIHLAULELWA NGANYANGA INTA 42.

Amaqanda Esikwenene!

Impahla Yamadoda Namakwenkwana Emaxa-biso Ahlisiweyo Kanye!

C. FENNELL & CO.

Base nazo ingubo Zamadoda abanga zingatengwa zikwelele kupele. Ukuze oku kufezeke batengisa

Into eninzi yebatyi zekodi ezilingana amadoda, amadodana namakwenkwe.

Zihleli zodwa ngobutshipu.

Kukwako Nezezitofu, Nempahla Yamadoda enjenge Hempe njalo, njalo.

Ojuna ingubo ezisisulu niakangaqale atenge napina engayanga kubona o

C. FENNELL & CO., e Maclean Street, e Qonce.

AKUTENGISWA NGASIKWELITI.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH,

e Nyutawuni uakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcancatvveni.

AMALAHLE ASE NDWE.

Kufunwa into eninzi ye Botile kwa W. BEHR & CO., kwisitrata se Cambridge Road, e Nyutawuni.

A BANINI balamahle bagqibe nabapati bololiwe ukuba baniane ukulayishela kwa Koniani (Queenstown),

300 TONS ZAMALAHLE

Ngenyanga: ezingangemitwalo e 80.

Abafuna ifulara abasakuzidinga kwisituba semingxuma yamalahle ne Queenstown.
Akusakubako kubambezeleka ekulayisheni amalahle nasekuwatuleni e Komani.
Indlela yenqwelo intle yonke isagudiswa ngokunye.
Inani yi nayipeni (9d.) ngekulu.

W. 0. CARTER & CO.,

Ncedaningo jpaula kaku- hle ukuba u clobo olutsha

OLULUNGLEYO APA LWE SEPA.

lubuye Iwafika

Isitena yi 6d.

Yeyona Sepa iutle kulomzi.

Itshipu, isitena Esikulu sidla 6d. kupela.

Inokufiinyanwa kwa "KARTAB," apa.

W. 0.
CARTERS. Co.
Maclean Square,
E-QONCE.

Amayeza ka Cook Abantsuada.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukange« lise lamayeza abalulekileyo.
Elika

COOK lyeza Lesisu Nokusaxazo. 1/6 ibotile.
Elika

COOK lyeza Lokukohlela (Lingamafuta).
1/6 ibotile.
Aka

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwes 9d. ibotile.
Elika

COOK lyeza Lepalo.
1/6 ibotile.
Ezika

COOK Ipils.
1/ ngeookisana.
Eka

COOK Incindi Yezinyc.
6d. ngebotile.*
Oka

COOK Umciza Westepu Sabant- wana.
6d ngebotile.
Oka

COOK Umgutyana Wamahin, 6d ngesiqunyana.
Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,
E QONCE.
Kuba ngavvcnkohliso angenalo igama lake.

R. W. ROSE-INKES,
Umteteteleli-Emityaleni, Umqinisi,
WEMVUMELANO,
Umanani Weziqiniselo

LONKE UNYAMEKO uyalunikele ekute« teniamatyala abamnyama nakweminye, imicimbi yabamnyama—ofuna umhlaba uno« kufunelwa, ofuna kujikwe igama lesiqini. selo somhlaba unokwenzelwa. Lemise' benzi uyifeza kwesi siqingata nakwezimelene naso.

J. HILNER,
Umenzi wentsimbi zamaxesha,
E-QONCE.

Nomtengisi wempahla ezinjengemisesane njalo njalo.

Unentlobo ntlobo zemisesane, iwotshi,

Nentsimbi ezinkulu zamaxesha, nentwane ezintle Zokinika amabaso ngamaxesha ae.

Iveki

AMANGESI na Mabulu ela-Bahlambeli a-kncasile ukubandakanywa nekoloni bafuna ukuba pantsi ko Mntan Omhle,

INENE eliugu G. M. Emeadeslase (Tsuriui) Oudtshoorn lisetyaleni le £209,000.

OBALELA ese Cala k "ipepa lase Dodoloro uti onke amapolisa omandla wase Ngcobo ahlanganiselwe Eugcobo ekaya kuba kusi tiwa kuko idabi elizakubako pakaci kwaba Tembu na Mamfengu.

IGWANGQA lase Palmerston, Emampo. ndweni, abati ngu Radland libalele e-Bayi, atumela amatyana awati Amangesi zida-yimani.

[k] U-J. REED, igwangqa esabika ukuba ladu- bula umntu e Barkly Pass kwelipezulu lipulapulwe ityala lalo e-Cala ngo Meja (Major Elliott, C.M.G.), Mr. C. J. Levey, ^.M., no Mr. T. R. Merriman, R,M., wagwe- tyelwa ukuba uhlaule £50 okanye unyaka etolongweni. Uyihlaule imali ngoku use- benza efameui yake ese Lamunfontein kumandla wase Dodoloro.

INCWADI ezihlalele ukungeniswa kwi Ilt'o .esingenasituba sazo zezi : Dukekabeni P.S.K., M. Kinass, T. odinyaniso, P. Sepam. la, T. Mazam sa, Pumegusheni Waseluhla- ngeni, Ngquugqumbaua, W. N. Somngesi, Z S.L., Ngonyama, N. G. N. Wella, Tanda Inene, Umhambi, Utnkoloni, Report N.E.A, Duncan Makohliso, William Mama, D.M., Simon Bobi, J. A. Smith, X.Z., Ixaxadu, Sol. S. Mwahla, D. Balube, Nyatelo Nzaba Ranza Mwelase, J.M., J J. Mlandu nezinye.

EZINCWADI aziuakunganiswa: " C. C. Brothers " (Kwadaliwe), uzamana nesimilo somntu. Kwanawe Nzaba Ranza Mwelase " Sigonyela Mashiyi " Ababandakanyiweyo. Lenteto asiludaba Iwaluto; sisaziso. Ka- ngela ke kwibala lezaziso amaxabiso.

NGE Cawa edlulileyo kuneimvula ezinkulu e Natal. Ukubalela kupelile kwelo.

NGENXA yeliqwa eliwo ngeziveki zidlulileyo uloliwe ukabanga nakugqitywa e Alvani ukuze alungele ukuvulwa ngo 19 August njengokuba bekwazisiwe. Kuqini- sekiie ngoku ukuba wovulwa ngo 2 September,

INGQAKAQA ayikapeli kanye ngako Maqoboqobo.

IMBANGI yokutsha kwesitora sika Mr. Ellis e Monti ibifunwa yimantyi ngokwesiko. Ifumeue ukuba sitshiswe ngaborn ngumntu or ngabantu abangaziwayo.

Abanezik-.velit kwi-[<] Mvo " maba- zihlaule kwangoku ukuze kupele inkatazo namaxhala. Abonganyelwe nga Magosa kuvulelekile ukuba bahlaule kuwo, xa batandayo bayi- tumele ngokwabo apa e Qonce. Imali itunyeiwa ngamapepa ase Post Ofisi.

IMIKOSI yama Indiya yongezelelwe ngamadoda a 22,750.

IMIFANEKISO yo Sir Thomas Scanlen, no Mr. Merriuiau, no Mr. Sauer, no Mr. J. B. Currey,, itsbiswe a Beaconsfield ngolwesi- Tatu Iweveki edlulileyo. Imbangi kukuba bebecase o-Palamente umteto wokuqiniselwa kwabautu balomzi kwiziqwenga zomhlaba abaziqeshe kubanini fam aba Pesheya omi kuyo umzi lowo.

INDABA e'zingokugula kuka Mr. Jonathan Ayliff zisezczokuba usabekisela empilweni.

U-REV. W. IMPEY wase Monti kuvakala ukuba wazise u-Bishop namagosa eramente yake (S. John's) ukuba uyayishiya lo re- men te. Imbangi ayikavakali.

IMVULA ezimnandi zike zana e-Nyara ngaleveki igqitileyo.

IKEPU liwe kanobom kwela Ba-Tembu. Obala ese Cala uti ngati unyaka wobamhle. Uncoma indlala.

U MR. C. DYER uwele nentsapo yake ngale relu idluleyo ngenxa yokungapili. Impahla pendlu yake iyatengisa.

KUBANJISWE itole lo mnenga e-Bayi igolwesi Ne Iweveki edlulileyo. Unina ike wabaxhesha abazingeli wabuya waba peka.

E-KOMANI kufunyenwe ngenye imini sidutnbu sosana lomntu omnyama estrateni, ibulewe yingqele.

KUKO neliuye ikuli elibanjwe e Natal igokubulawa kwe station-master yase Mbilo.

INTSIMBI ahamba pezu kwazo uloliwe jeziqalile ukubekwa e Dayimani ekaya.

LOMDLALO mkuln webola ekatywayo ubuse Rini ngeziveki uvenwe li Kapa.

E HANOVER, kwelipezulu kutshe ngaleveki igqitileyo istora sika Evans & Co. Siqini- jelwe knmabandla ancedisa kwindleko zo- ulilo nge £4,500.

XEKWAKO urnntu ontsundu ohliwe yingqa- ja e Mtata. U' ekwe bucala, ngoku usingise- a ekupileni.

E MTATA ukudla kuya kunyuka ngo 3 Lugust, kwakuhamba kwi 20s. to 22s. 6d. igenxowa.

INQANAWA (Melrose) efike e Natal ivela j Quilimane kwelilunge no mpakati ve Africa ize nezokuba bekuko indaba apo ;okuba kuliwe kwela Bangoni basemacibini I Nyassa kwezondawo zinamadodana awa- uka e Dikeni, abafundisi bebebiyela imizi rabo.

AMABULU kuvakala ukuba ayazitshonisa azipokwelakwa-Zulu.

Innes,

shumi
ezinye
layo
Ibonisa
naftuba

ndayo evela kwindawo ngendawo ifikile enanini elino&wamnkelwa. Ngamana esisikolo singatamsanqeleka. Xa sibona lebambiso nezixakato ezihle, ngeliliso, ngelinye inteto ezlmbi zamadoda ebandla le Palamente kusibangela udano ukuva ukuba icebo lika Mr. Sprigg lokuba ama- lungu e-Palamente ahambe ngapandle kokuhlaula kuloliwe, ligqutyelwe ngom- hlaba, kuba amadoda anjengo Mr. R. AI. Bowker, no Mr. Van den Heever, no Mr. Le Roex ebenga fumana ukuba adle amazwi awo emva kokubona iniizi enje- ngaleyo yase Ncemera. —

KUSINIKA uvuyo ukuvakalisa ukuba isiko apa lakwa Loliwe lokuba omnyama I abonise ipasi yokuba akanangqakaqa I pambi kokuba akwele, lipelisiwe: oku ; sikutyelwe ngu-Station-AIaster walapa. ■ Nakwaloliwe ipasi ifunyenwe umsebenzi j wayo ikukuxakanisa kupela. Sibulela j u-AIr. Price, umpati, Aruba esamnkele j isikalo esenziwe egameni lomzi ontsundu. Ingxakeko ababakuyo abakwaloliwe I kwakuvela izifo ezinjengozi ngqakaqa j ayinakupikwa bani, Aruba abanye banga j bangahamba, abanye bati baziselwa isifo.

ABAPETE inrcimbi yemfundo yabantsundu abasa'umbu'ela u-Dr. Dalenga- ! A:\yenzileyo mayelana nokumisela ukuba : Isibulu sibe yinteto amelwe Arupumelela I kuyo wonke ofuna isiqiniselo soAruba I yititshala ngo 1886. OAru kutyilvze ngum- , buzo ka Mr. Theron, ALL. A., e-Pala- i mente. Kutitshala ontsundu uArwazi i Isibulu aArunaxabiso liArulu. Kuti base , Maxoseni Isijerman besingade sinyame- ; zeleA-e. MasivaAralise ukulicasa Arwetu ! elinyatelo, elitatyatelwa ukukolisa ibongo la Mabulu nje. Amabulu elilizwe awaka- vumelani kwa odwa ngeyona nteto j eyeyawo nokuba yileyo ipezulu itetwa e-Holland nokuba y'ile itetwa nga Mala-'u. Ukuba yepezulu Amabulu awangeyi-nyamezele kontsundu ; ixolelwa xa itetwa ngumfundisi Awapela, abangengabo kutiwa benziwa liratshi ukuba yile ya Malau, ayibaliwe ezincwadini, ibalwa lipepa lase Paarl kupela *i-Patriot*. Azi ba.va7.uba yintonina abantsundu? Into ebiyakude i me yileyo ikoyo kwi University yokuba oli-Bulu amelwe ku pumelela esi-Bulwini, oli Jermeni amelwe kupu- melele kuso, ukuze abaviwa bazilungise- lele kwenje yezonteto zikoyo ngoku. Ukumisela isibulu sodwa kuyakuba kuku- beka umtwalo onzima pezu kontsundu. Siyatemba ukuba Izikolo zabantsundu azisakuke ziyivume lento.

INDLALA iya itabata amandla Arwimpi yaAowetu. Ihamba iba nezihelegu zayo. Emngqesha selibange ukufa komntu. Na- bu ubume afe ngabo. Kutengwe ingxowa kwenye indlu ngeziveki zigqitileyo. I- ngekavulwa kufike umfazi ezakucela kum- nikazi mizi. Ute yena wombela ngomso yakuvulwa, indoda isaye emdudweni ayi- kayivuli. Kwitshi omnye. Aanti uyaku- putuma abanye ababini. Babuye sebenamazembe bengene bamwele ngawo entloko bamrolela egumbini batabata umbona bapuma. Inkwekwana ebiko ibalefce yayakuziposa etyolweni. Ibuyle indoda [44] i\onantsi!Tu. [il] ^Nonantsi! " Tu. "Unanibetu lomfazi?" Ivutele eziko. Yangana inAwenkwana yakubona u'- uba uyise ufikile. Indoda ifijte umfazi engasenantloko. "Yin'le!" Inkwenkwe ngo-Nonatsi no-Nonantsi, no-Nonantsi. Iputumile iflke sebepeke iukobe. Base ntolongweni seteta nje.

ABALIMI NA BARWEBI.

E-AiARKENI.

E.QONCE*(Aug. 18).
Ibotolo, 2/9 to 3/1 ngeponti
Amaqanda, 1/2 to 1/4 ngedazini Irasi
eluhlaza, 2/4 to 3/ ngekulu Ihabile—
iflara 15, 3/9 to 6/1 ngekulu Itapile, 3/
to 6/8 ngekulu Umbona, 12/6 to 13/5
ngekulu Atnazimba, 12/10 ngekulu
Arnatanga, 4/3 ngedazini
Ihabile (itnbewu), 10/6 to 12/6 ngekulu Inkuni
—iflara 30, 3/ to 23/ ngeflara

E-KOMANI (Aug. 17).
Ibotolo, 2/ to 3/ ngeponti Amaqanda, 1/3 to 1/9
ngedazini Atnazimba, 27/ to 30/ ngenxowa
Umbona, 26/ to 28/ ngenxowa Irasi, 15/ to 17/
ngekulu Ihabile, 4/6 to 9/ ngekulu Ibran, 7/6 to
8/ ngenxowa Itapile, 8/ to ngenxowa A
matnnga, 6/ to 8/ ngedazini Umgttbo, 13/9 to
16/ ngekulu Inkuni, 30/ to 45/ ngeflara

E-RINI (August 17).
Ibotolo. 1/6 to 2/5 ngeponti Irasi, 12/6 to 13/
ngenxowa Ibran, 6/ to 7/6 ngenxowa Amaqanda,
1/7 to 2/1 ngedazini Ihabile, 4/6 to 5/5 ngekulu
Irasi eluhlaza, 1/3 to 1/6 ngezitungu ezi 12
Itapile, 8/ to 11/3 ngekulu Inkuni, 9/ to 33/
ngeflara Amazimba, 23/ to 24/6 ngenxowa
Ikalika, 1/3 to 1/4 ngenxowa Umgubo. 24/ to
25/ ngenxowa Umbona, 12/3 to 13/ ngekulu
Ihabile imbewu, 12/ to 13/ ngenxowa

E-BOFOLO (Aug. 14).
Inkuni, 6/3 to 10/ ngeflara Unqnqu, 3/ to 4/2
ngevolisak Ibotolo, 1/8 to 2/ ngeponti
Amaqanda, 9d to 1/ ngedazini

E-MONTI (Aug. 18).
Amaqanda, 1/ to 1/6 ngedazini
Ibotolo, 2/9 to 4/ ngeponti
Ibran, 8/6 ngenxowa Itapile, 5/
to 10/6 ngenxowa Umbona 14/
ngekulu Ihabile, 4/3 to 5/6
ngekulu Inkuni, 11/ to 21/4
ngeflara Irasi, 6/6 to 7/6
ngekulu Imbotyi, 17/6 ngekulu
Umgubo, 15/ ngekulu

U SIR THOMAS SCANLEN, K.C.M.G., M.L.A. unduluke ngaleveki idlulileyo ukusinga

Imfundo Yentombi.

"TUYAZISWA ukuba ISIKOLO SEN- X. TOMBI ease Mgwali, lo ongaponoshono we Nciba sivuliwe linenekasi elisongame- yo u Miss MCRITCHIE. Abafuma ukuva Pgenqubo yaso bangabalela kuye Emgwali, 'ob-e.
list July, 1885.

ISAZISO.

Yenjaninje Bahlobo ukundibalela. SOLOMON D. MAQINA, care of P. H Fountain Head, Tyinira, via Toleni

ziso Kubahambi.

WILLIAM A. RAI)ASI wase Mpofu. Uyazisa kubo bonke bi ukuba kuko i POST CART eeuka (Seymour) eya e Bofolo (Fort ibuye ngo Mgqibelo, yenjenjalo (bonke Ohvesihlanu ne Migqibelo.

Ixabiso lishumi linantlanu (15s.) lesheleni gomntu omnye. Kunokukwela isitatu iabantu kuyo.

J. RADASI.
eymour, 6 August, 1885.

Kubabaleli bam.

E ababalelana nain mabenjenje. TSEWU, Dull Bank, Idutywa.

BONISANI.

ULAHLEKE apa e-Mqukwane ngo 22 ku May odiuleyo:—

KABI emtuqwa, inequma elubilweni ; kweyokuneni indlebe ngemva.

NKABI emnyama ; etiwe gqwizi ngase. a, kwe yokuneni indlebe.

INKABI emnyama; itiwe nqum pezulu- Hebo kweyokunene, yatiwa riwu kweyase ngemva ; inexarele enqineni ayijiyile

a, inesilonda entsalwaneni. Ote wa- landisa wovuzwa kanobom.

SOYENI MKIVA.
Matthew's, Keiskama Hoek, 20th June, 1885.

ISICELO.

IDICELA kuni nonke bantu bakuti aba-lapo e Diamond nindipe amehlo ngo- ogama lingu JAMES MNGQIBISA, waka wakankanywa kulo elipepa okuba upangwe £50. Ndingavuya owazi ngalomntu andaHse kwelipepa lamadoda Khlanga.

THOMAS ZWEDALA.
.macubeni, Lady Frere,
14, August, 1885.

OFUNWAYO.

MFANA ornde, wemnka nemikosi nge- xesha lika Ngcayecibi. Samgqibela ese sigwa, kwele Dayiman, Iminyaka mitatu ingaseva nto ngaye. Igama: ngu JOSI IBAQA, elesingesi ngu JOSEPH. Ondi- andisayo makatumele kwi-Mvo.Zaba- *ntsundu,* e King William's Town. Ndingu- nina womfana lowo.

MARTHA MBAQA.
Kwa Bidli, King William's Town.

Ndipeni Amehlo Mzi.

MFUSAKAZI onekolo enkulu ede ya- bnya yati qabaqaba pezu kwamashiya. Lityapakile kwiliso lase kunene. Litya- hukile umhlana kodwa sebuqala ukupuma nboya obumhlotshana. Ulahleke apa e . Qonce ngeveki edluleyo.

Abandilandisayo mababalele ku Mr. tOBT. PLAATJES, Pearston, via Somerset last. Ndingu

JIM NONTSHINGA,
care of SYBERT NIEKERK, Esq.,
Vlaakfontein, Pearston.
17 August, 1885.

KO TITSHALA.

KUFUNWA e Mtwaku (St. Matthew's) kwangoku i TITSHALA enesiqini- selo. Abangabalayo ngabo abnnezimilo ezindeleleyo na bagqibeleleyo ukuwazi um- sebenzi ; bobalela ku.

Rev. A. W. BRERETON,
St. Matthew's Keiskama Hoek
August 5th, 1885.

KANIPE UMKONDO.

BONISANI Umfana okwiminyaka eyi 29 ubudala bake.

Untsundwana, akanamzimba mkulu ndahlukana naye e Bayi (Port .Elizabeth) ngomnyaka we 1879 esebenza kwindlu ye Gas. Ke esisicelo sam ndisisingisela kwabakona kakulu, igama lake ngu Jim, Mbeki. Aka- yise Abraham Gobongwana Kinass. Ndicela amehlo kumanene, nnma nenekazi endawo ngendawo.

Uinntu onokundilandisa angatumela ku Mhleli we *Mvo Zabantsundu.*

MARCUS KINASS.
Mount Ayliff, 25 April, 1885.

ABABUBILEYO.

GWELE.—Kububе Engxotyane, Willowvale, ngo 8 July, 1885, u Miss LETTIE GWELE. Uhambe kaknhle, eyaleza ukuba ablobo bavuve kuba epilile.
ATTWELL J. GWELE. Willowvale, 20 July, 1885.

MTOBA.—Kububе ngo 8 August, 1885, e Rode, Emkangiso, u SARAH JANE, intonibi ka WILLIAM C. MTOBA. Usishiye esekonwabeni okukulu kanye, encutna, " Ekulindele ukusa " kanti uteta ukusa kokuba esimnka. Sazisa izihlobo.

JOHN J. IRVINE & CO.,

Abatenga impahla kwamanye amazwe,
Nakweli,

Nabatengeli bofani ngofani,

Abatengi bento eziveliswo ngabantsundu esinjengo

BOYA, IZIKUMBA ZENKOMO,

Nezempahla emfutshane,

BEMFONDO,

Nokudla, njalo njalo-

Ivenkile nezitora zentlobo ngentlobo, ezikwindawo ngendawo, ezitenga impahla kuti, zine cam lokufumana impahla yentlobo zonke ehambe itengwa ngentelekelelo enkulu kumagumbi ngamagumbi elizwe.

Kuyo yonke indawo esitenga kuyo impahla yezi zitora zetu sitenga ngapandle kokwenza tyala, ngokwenjenja- lo ke sondele ekufumanini eyona mpahla itshatsheleyo ngamaxabiso apantsi.

Amaxabiso apezulu anikwayo ngamaxa namaxa nge- nto esukuba itengiswa anikoWa apa.

JOHN J. IRVINE &, CO.

IZISULU! IZISULU !

J. no C. HEDDING.

KWIVENKILE YAKWA NGQIKA,

E-QONCE.

Bayayitengisa yonke impahla yabo yama Kosa bafuna ukuba itshayeleke tu kwakamsi- nyane.

Intengiso iqala ngo Mvulo lo wanamhla.

Qondisisa kakuhle apo bakona kwivenkile yakwa Ngqika e-Qonce.

C. MUSGROVE,

OTENGISA IMPAHLA ETSHIPU YEIMOLU,

Kwindlu Ekangelene no W. 0. CARTER & CO.,

Onoxesha bempahla yendlu batengiswa nguye ngemali encinane.

Unokubatengela abantu abakude impahla abayifunayo kwimisito eti ibeko e Qonce xa bete banqopisana naye.

W. J. DEALY, ANDREW GONTSHI,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa, *e.Town Hall, Krvisitora esinga pantsi ese-sitatu, No.* 3, *Kivinkundla ye marike,*

E-QONCE.

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Ma-zimba, ne Tnpile, ne Bran, r.e Kalika, njalo njalo, ayitengisa tshipu.

Amaxabiso alungileyo uyawanika ngento ezinjengokutya.

Impahla zanikeliva nguye azitumele kuma-calona onke e-Koloni.

I BRANDI

Elungileyo engapitikezwe nanto zinjenga manzi nezinya ezibululayo, itengwa ko

O. J. DOWELL & CO.,

BANK STREET,

E-QONCE

Umteteleli ematyaleni,

TRANSKEI

I. Ofisi— e-NGQAMAKWE.

BONISANI.

Amahashe Alahlekileyo

KULAHLEKE e-Mgqwakwebe ngolwesi-Tatu (24th June) amahashe amatatu.

Inkabi emfusa etshiswe igama elingn M enyongeni. Ubudala balo bukwiminyaka emihlanu. Uboya bude liyakuba nesilonda sokunzinyatela esihlahleni sangapambili. Ondilandisileyo ndomruma. Nenkabi egwa-ngqa.

Imazi emfusakazi engenabala ; enokukutu-Iwa yintambo emva kwendlebe ngenxa zo-mbini, nasebusweni ikwanjalo kukoukukutu-ka. Litshiswe entanyeni ngecala langase kohlo igama elingati ngu (F). Ubudala balo yiminyaka esixenxe. Yimaz' ende.

J. TENGO-JABAVU.
Imvo Office, King William's Town,
29th June, 1885.

Ololiwe bakwa Rulumeni.—Belase Maxoseni.

Ukuvulwa kololiwe e Alvani.

KUYAZISWA ukuba ukuvulwa kololiwe e Alvani kuguzulwe kusuku Iwe 19 August ngolwesi-Tatu, kumiselwe ngo 2 September; etnva kolusuku uyaknтwnla yonke into. Ofuna ukuva ngamaxesha ezihamba ngawo i Treni makakangele kumapepa acazuF'a ezonto.

C. B. ELLIOTT, Umpati Omkulu Kwi
Ofisi Zompatiswa Omkulu, Cape Town, 13 August, 1885.

Ololiwe Bakwa Rulumeni.—Belase Maxoseni.

Ukuvulwa kololiwe e Alvani, September 2,1885

NGOKUPATELELE KWIMIGCOBO eyakubako e ALVANI ngalomhla wokuvulwa kololiwe, kuyakumkelwa ITIKITI EZIMAXABISO ahlisiweyo. Ofuna ukuva nge- micimbi yolohlobo kwa namaxesha ayakuhamba ngawo uloliwe makakangele kumapepa ancanyatiselweyo.

T. R. PRICE, Umpatiswa. I-
Ofisi, e Monti, August 14,1S85.

Ololiwe bakwa Rulumeni.

Inguqulo ekutwaleni — Ukwabiwa kwempahla e Alvani.

KUQALELA kolwe 5 September, kuyakubutwa nemali yokwabiwa kwempahla, 2/ ngo ton, e Alvani ; nembuyekezo ye 1/ nge ton ngokwesiqingata esibalulweyo encwadini yamanani okutwala se 17.

IMBUYEKEZO NGOKUTWALA.

NGOKUMAYELANA nesiqingata se 17 Sencwadi yamaxabiso okutwala, kuyaziswa ukuba imbuyekezo iyakubizwa xa impahla ivela kwezi ziteshoni zibalulweyo ngezantsi pezu kwempahla etunyelwa e Alvani, xa bangapaya kwendawo ezitunyelelwa impahla ngenqwelo zakwaloliwe, xa abantu ngokwabo beyakuziputnmela impahla yabo.

ALVANI I KOMANI
BEKESDORP I QONCE
E Kapa, 10 August, 1885. C. B. ELLIOTT, Umpatiswa.

Umboniso wase South Africa

UMBONISO omkulu wento ezilinywa nezinokwenziwa ngabantu beli lizwe, uyakwe nziwa e Bayi ngo December ozayo.

Kuyanqweneleka ukuba nabantsundu beli lizwe batumele kuwo iziquma zento abazilimayo ziye koboniswa, nento ngento abazenza ngezandla, ezinjengento zokulima, izitya ezenziwe ngabo, inqubo, iminxeba, ingobozi.

Imb'asa zesilivere nobedu ziyakunikelwa kuye wonke ontsundu odlulisele abanye.

Umhleli we *Mvo Zabantsundu* unikwe igunya lokuba abacacisele ngapezulu bonke abanomnqweno wokuya kubonisa imisebenzi yabo.

Ngomyalelo we komiti,
FRED LEVICK,
Unobala.
I-Ofisi, 5, Lombard Street, Port Elizabeth.

Isonka! Isonka!

Mr. McGREGOR,

Nase Waterfall, kwa ADAM KOK,

KOKSTAD,

WAZISA umzi ukuba Unento enintshi Yombona, Nama- zimba, ayitengisayo ngamaxabiso alingeneyo.

Abantsundu abafuna ukutenga bangakufumana ukudla kutule tizolo kwisitola sika Mr. MCKAY, e Tshungwana (Mount Frere).

Wanana Inkomo Ngokudla-

FOS' ISO APA BO I

E. J.BOXALL,

Umsiki wentlobo zonke ezifunwayo zengubo,

No. 22, SMITH STREET

Uhlala enento eninzi yezitofu ezifanelekileyo neziluhlaza apa bo.

hufubo zonitshato ^enziwd ntjokoliufuna komntu kwisl-tuba se yure ezilishumi.

Uhlobo ezenziwa ngalo nokufaneleka kwazo akunakugxekwa bani.

Paula—Intsebenzo yonke iqutywa ndlwini 'nye

LISHICELELWA UMNINILO UJOHN TENGO NGU HAY

BROTHERS, Smith Street

king William's Town

e England.

I PALAMENTE ivalwe ngolwesi-Hlanu Iwe. veki epelileyo.

KUFIKE udaba lokuba kubulewe amawaka alikulu aba Kristu e Tonkwin kwela Matshayina.

Amagosa e " Mvo " mawa zitumele inkozwana aselezibutile, azikaulezele aric ekazibuti.

I RULUNELI yase Natal kutiwa izakuya-kuba yi Rulumeli yase Kiperusi (Cyprus) ngakwelo Jalilela Mayuda.

SELESAMNKELWA e Dayimani amapolisa ela Bahlambeli.

IMPAHLA yakwa Rulumeni yemfazwe iya-kutengiswa e Vryburg ngo 3 September.

U GEN. JOUBERT wase Transvaal wenziwe umpatiswa wemicimbi yabantsundu welozwe la Mabulu.

INYATI embuna itengwe e-Bayi ngeveki egqitileyo. Yinkunzana, umniniyo uzakuyi weza ulwandle.

KUSANDUKUFUNYANWA ' idayimani ezi ■ mbini ezinkulu e-Beaeonsfield ezibunzitna bukwi carat ezi 150, ne 107.

U REV. MR. HUEGH wase Humansdorp ufe ngebhaqo ngeveki egqitileyo.

NGENYANGA ka July kupela siva ukuba bafikelele ku 187 abantu abangene kwinto-longo yase Monti. Indleko abayenzileyo iflke ku £15 12/11.

IGWANGQA abati ngu Cox lase Tinara libulele umfazi walo. Lixego eli 76 itnin- yaka.

U SIR A. HAVELOCK umiselwe ebu Rulunelini base Natal.

IPELE kanye ingqakaqa e Bekesdorp.

NGOLWESI-TATU, AUG. 19, 1885.

UMCEBISI WETU.

AKUFUNEKI kuzitetelela kwa- luto kwinto esiyenzayo na- inhla yokutabata yonke inteto yesi- gidimi sa Mangesi sase Lovedale salenyanga, inteto eyonganyelwe ngumqolo oti " Icebo kwi *HIvo Za- bantsund/u"* Elocebo lihle kanye; silikangele njenge nkutazo kuti. Asikukuba sifuna ukuyingqumza lenteto ngalamanqaku, kukwalata kodwa indawana ate gqwididi kuzo umbali, ekuyakuti mhlaimbi xa zi- paulweyo ilunge okunye inteto le. Kwindawo yokuqala umcebisi wetu uti elipepa le Mvo ngumteteleli " omkulu wento yokuba abantsundu " bafundiswe ozi Latini nozi Grike." Ngaba siti ngakumbi umntu efu- ndisiwe ngakumbi ewufanele umsebenzi, nokuba nguwupina awenzayo, asitsbo ukuti ngoko eyona mfundo ngozi Latini nozi Grike njalo-njalo. Mayelana nalengxoxo imi poqo eyetu indawo. Sicase abo bati ubu- copo bomnyama bunebala, emayiti ke eyontsundu imfundiso itabate owayo yodwa umkondo ongaba- njwayo ngabamhlope. Nto tina simi kuyo kukuba litshayelwe ibala emfundweni ukuze ahambe nomnya- ma aye nakuyipina imfundo ngalo lonke ixesha efuna Makungabiko kete. Abafundi betu bobona ukuba lomhlobo wetu uyiqukumbela inteto yake ngeliti " ukuba *Imvo Zaba- " ntsundu* azikolwa lelicebo *Itziba live- " la kwindawo elivela kuyoke,* mazeke "zihambe zibuzisa nakubahlobo ba- " bantsundu ukuba aliyiyo inyaniso "na, ziti ukuba azikolwa zike zili- "ndele iminyaka ezayo ukuze zi- " bone." Asigqibi kuyiqonda into abekiselele kuyo umhlobo wetu ku- lamazwi siwabale ngamfakamfaka. Ingqeqesho yetu yeyokuba siwa- mnkele ngomoya ondilekileyo onke amazwi namacebo apuma ku Mhleli wesigidimi sa Mangesi sase Dikeni, nakubeni mhlaimbi singaba neli- shwa lokuwatandabuza. Kwindu-miso zayo yaka yati imbongi engewele yamanyange kuko " no- kubeta kwesazelo," abati ngoku " kukuzafuna." Asindawo yetuke ukucedulula ihambiso yovalo. Si- zenzileke ezimpawana, masaneke kubafundi betu yonke lenteto " ili- cebo kwi *Mvo Zabantsundu."*

N^alenyanga ipelileyo kupalele into enintshi yomsizi wokubala nowoku-sbicilela ngenxa yengxoxo engemfu- ndo yabantsundu. Asingi singauxo- xa lomcimbi kuba ngoku kubonakala utabate bala limbi, elingxoxo ingena-mbuyiselo njengomsizi opaleleyo. Ku-ko nento yokuba elilizwi *Imfundo* linezintsonkoto ezibini. Esinye yingqeqesho yomntu eqeqeshelwa umsebenzi ayakuwenza ngexa elizayo ; simbi ngumhlatana wokuba afundiswe imfundo ezitile, kwinewadi ezitile, ngenteto ezitile. Kungasidalela usi- zi olukulu ukuba sibe sisikubekiso nakuwupina umntu ontsundu ofuna ukufunda inteto nokuba zezipilileyo nokuba zezifileyo sinina, xa akuxoleleyo ukuhlaula indleko nokuyitabata lonkatazo. Kodwa lengxoxo yemfu- I ndo masiyiqoshelise ngecebo kwi | *Mvo Zabantsundu,* ekubonakala ukuba zingunteteleli omkulu wemfundiso yomnyama kwinteto zakudala, neinfundiso yake yamasebe apakamileyo njengokuba ziwazi zona. Zipulapulwa | leloqela lingelinintshi labantsundu elinokulesa. Mazibaxelele ntonina, xa ziqinisile ukuti, zinga bangapume- lela, ukuba zibatanda abamnyama kakuhle nangobulumnko ? *Mazibaxelele oku— ukuba eyona ngxoxo kupu- mle kuyo ukupila nokufa kwabantsundii belilizwe asikukwazi inteto zama Latini nama Grike, nakuxoxa into zolaulo yinkutalo;* ukuba eyona nto ayakuma ngavo ontsundu kwelilizwe ngumse- benzi ote qo nowenyaniso; nokuba le i yeyona nkunqele amabayiqonde egqi- tisile kuyo yonke imfundo yamanyange. Zibatyele ukuba umsebenzi omhle wenyaniso wemini enye uyi- mbewu mhlaimbi ingcambu ekukula kuyo umsebenzi wemini ezimbini ezilandelayo. Zibatyele inyaniso yokuba abaqeshi babantu babeka ixabiso elikulu kumsebenzi wentliziyo wo- mntu omnyama—nokuba usebe iza ngezandla nokuba usebenza ngobuco- I po—kwanjengokuba bebeka ixabiso kowomntu omhlope. Zibatyele ukuba ubucopo abunabala nomsebenzi awu- j nabala, ngapandle kwelokulunga no-kufanaleka kwawo, awufnni kupinyenyelwa nganteto kodwa uyaziteteia ; nokuba ububle bomsebenzi buyamtetela. umsebenzi nokuba umnyama! umblope, umfusa, umtubi. Zibaqo- ndise ukuba amadoda amaninzi amhlo- pe nftnengqondo—ngakumbi angabahlobo babantsundu—xa abona umsebenzi omhle obonisa inyameko nobugeisa — nokuba ngowokumba ngomhlakulc, basuke sebebazimfama malungana nebala. Zibaxelele ukuba amaxabiso okusebenza azakuhliswa kulo lonke ih'zwe, kwa nawabantsu- ndu ngokunjalo, kuyakufuneka. bese- benze ngamaxabiso apantsi ukuba apezulu abanakuwafumana. Zihalatise kwinto yokuba ngapandle komsebenzi ocoseleleyo, ote qo, nobu-Krestu abusayikubanyusa — okanye abusayi kubanyusa msinya, mhlaimbi konyusa abambalwa.

Ukuba *Imvo Zabantsundu* ziyakubalatela abafundi bazo ezinyaniso — zipindapinde ukushumayela ngexesha nangapandle kwexesha—nezinye inyaniso ezikwankulu, ziyakuba zenze ; umsebenzi omkulu, zingumhlobo wenyaniso wabantsundu eziti ziyabata- nda zifuna ukubakokela. Ukuba azi- Irolwa zezinyaniso, kuba zivela apo zivela kona mazeke zibuzise k iba- hlobo babamnyama, okanye zihndele inian exesha elizayo. Amava liwo tngafika selidlule ixesha.

Amanqaku.

---------- KUMBUZO owenziwe ngu Mr. Rose- Innes, M.L.A., e-Palamente ngeveki ipelileyo ongomcimbi wetshawe u- Mbovane Mabandla, ufcuba selifiZ-ilena ngxelo yocedululo olwenziwe nsru Mr. Dicfc, esitinina u-Rulumeni. u-Mr. De Wet' upendule ngeliti, "U-Mabandla usibonda esifcutshwe ngenxa yobugqwi- ligqwidi obutile, ucele u&uba umcimbi vaA:e ufcangelwe Zewatunyelwa u-Mr. Dic7c. Ingxelo yaZ-e itike ngawo lomso umvulo). isandla safce siti ingxelo leyo mhlambile u-Mabandla Zwvinto eninzi jtetwe ngaye. UZruba Ziunjalo o/cunene ; iva&umiselwa endaweni yaZ:e." Ibandla idumile, nati siyaduma. Singati abantu ' >aZ-owetu banaZso uZ-uyiqonda imfanelo ewinto engeyiyo. OZ:u si/cutsho feu ba *kuko* ' nZrolo Z;u Mangesi yofcuba usafcuti o- itsundu afcwenzelwa imfanelo ati Z:u7;uba] mqeniwe. Sivuyisana no Mabandla] labantu ba&e ngo&u fcupela fcoludushe. 1

UKE wanyeliswa fca&ulu umsebenzi , vabafundisi wezi&olo eziZsulu e-Pala- ' nente. Kube yinto emmandi Zainene cuti uZ-ubona ihambiso yesiZ'ulasentombi] iase Ncemera ngaleveki idluleyo. ^-Ncemera u-Miss Sturrock onexesha slide equba imfundo yentombi wenza imsebenzi onexabiso elingengangani, si- *i* vufumene umsebenzi usenziwa kakuhle l igocoselelo olukulu. Yinto esitomalalise] :anye ukubona u-Miss Sturrock nabance-] lisikazi bake—o-Miss Dalgarno no Miss] rurner—bebeke kuhle bengangxamele j udumo emsebenzini, kodwa intsapo yabo i sendelisela kwimisebenzi enjengeyoku- , unga, ukupata indlu, incwadi zingayeke- * elwe. Siwubone ngawetu amehlb nje * imsebenzi weliziko lemfundo, akumma-] igaliso wani xa sibona intlalo eyoolileyo - rezindlu zentokazi ezafundiswa kuie- ikundlangenxa engapambili. Ukuhlam- >uluka kwemfundo yalomzi kwabonakala igokucacileyo ngonyaka odlulileyo nhla sapumelelisa abafundi abairia- humi a^itoba ekulwini ekubeni i zinye izikolo zabantsundu ezivaka- ayo zapumeza ishumi ekulwini. j bonisa ukupila kwesikolo into yokuba takuba amaxesha emabi, intsapo efu- I

Ezababaleli.

IMFANELO YABANTSUDU.

NKOSI YAM MHLELI we *Mvo,*—Kaundi fakele lamazwana ambalwa kwelopepa lakowetu. Bhnga abafundi belipepa bangelibeki pezu ko Mhleli ityala nezisolo abangazifumanayo entetweni yam.

Ndifuna ukubuza kubafundisi bonke bamabala omabini, kubakokeli neramc- nte yase Wesile. Nditi lendawo iyako- lekana yokuba iramente engaka yabantsundu ingabinazwi kwizinto zeramente $ nditsholo kwezindawo : mlilana sahluka- na nepesheya kolwandle ukuze kubeko i Conference yama Wesile ase South Africa saba zizinto eziva ngendlebe kupela, akuko lizwi lontsundu laka labu- zwa. Ngokuqutywa kwemfundo kwindawo ezinjengoma Nxukwebe nase Mgwali njalo-njalo akubuzwa akutatya- twa cebo lamntu untsundu; ngokuqutywa komsebenzi we Nkosi, akutatyatwa cebo lamntu untsundu, na ngezikolo zemini, yaba kwayilonto ngokushicilela incwadi zenteto ye Sixosa, akucetyiswa mntu untsundu; lontoke ibangele ukuba abantu abantsundu banganyameki zinewadi zolwimi Iwabo. Uze ukaneffile isiyalo, se Conference yokuqgibela ^kise Natal, xa kunyulwa Umgcini-sihlalo mhlaumbi i Superintendent yesiqingata, mhlaimbi ye District, akukangelwa ukuba*lomfo wowulungela umsebenzi wabantsundu nawona, ke usuke ukangelelwe AmaiAK- si odwa. Nantsike indawo, siva kusimva u Rev. J. Walton, M.A., usemngcipekw^ • ni wokuwelake i Quarterly Meeting yase Rini yabamhlope igqibe ngokucelau Rev. F. Mason wase Natal. U Air. Mason ang: - balungela abamhlope base Rini akuta- ndabuzeki, kodwake angabanjalona na- kwabantsundu. Amangesi aliimimi lu- nye, abanjalo abantsundu; isinio nomsebenzi wabantsundu e Natal usesemva, apa ungapambilana, kufuneka umntu wokuwuqubela pambili, akufuneki mntu wokuwubuyisangomva; sesikolisile ukuwabona amadoda ati ukuvela e Ingilane agqitiswe asiwe kubantu abasesemva, ati akubuyiselwa apa kuti alike aqwayele emva ngokwe nkuku, afike kanye nase malini apa ange ontsundu angapila nga- mat' entamo. Kokwam ukucinga ukuba kuiunwa ukuqutywa umsebenzi ngale- ndlela kuqutywa ngayo yokudibanisa umsebenzi wabantsundu nabamhlope, u Rev. R. Lamplough uyifanele indawo le nokuba kufuneka umsebenzi wahlulwe ukwayifanele indawo le, imfanele indawo ka Mr. Walton e Rini kuba kudala elapa, yonke intlumo yabantsundu ivela sele- ngu Lamplough mdala, unengqondo nge- mfundo nenqubo yabantsundu, yindoda ngomsebenzi we Circuit, uyabatanda abantsundu bemtanda nabo. Ubeke wrse Nxukwebe. wapuma nembeko, nodunio, e Rini nase Bayi njalo-njalo wapuma ne- mbeko nodu'no, um-Siaayeli wenene ekungeko nkohliso kuye. Ndiyakolwa ukuba i Quarterly Meeting yase Rini yabantsundu iyakuyipaula lendawo, ize nayo yenze isicelo esinjalo ku Rev. Air. Lamplough—kanjalo amalungu ayaku- nyulelwa i Conference ezayo kufuneka eyipaule lendawo. Mandigqibe ngeliti niyayibonana lento makowetu apa e Africa, mhlana kwamiswa i Responsible Government asizange sibe nazwi, kunga- zange kubel'l'we zwi nakuti, inhla kwa- celwa i Conference ngabafundisi yase South Africa asizange sibe nazwi, njenge- kuba kunjalo kwa Rulumeni kunjalo nase ramentCi i, e Palamente abantu eku- tiwa lizwi letu bambalwa kangangokuba abanakupumelela kanye xa basifinnela into engaba lilungelo letu, nakwi Conference ikwayilonto, into esisimanga; zitenina ezizinto, lento zifanayo ezilaulo, olwelizwe nolwe Lizwi lika Tixo ? Inga- de iti imbongi: —

> Umzi Ka Zulumba ubumba wonKe na ? Kwabumbu Zulumba Kwabumb' umfazi Kwet' ii Zulumbu Kwetu i NcuKa, Ndandibona amafani uKufana.

Into endiri mna iyakude ilunge yindle- la ka Abraham no Lote, ukwahlukana i Conference yamagwangqa ibe yodwa, eyeimdaka ibe yodwa, umsebenzi we A kosi uyai. nh.imba ngokukauleza. Uxo- lo innumzetu.

Ungandibuzi ndingu

GAXGATELE.

UAIBIKO.

NKOSI AIHLELI,—Ndincede undifakele lamazwi. Siyazibikela izihlobo zetu zc- nke e Zagwityi Uaozifuto Pikwa usishi- ye nge 4th July 1885, wangewatywa nee 5th July 1885. Ute ilizwi lokupela: yena uyagoduka. maze kuxelelwe abangekovo ukuba batandaze kunqabile ukungena umntu ezulwmi ongatandaziyo, itshilo lentokazi yase Alajwareni vanduluka ngoxolo olikulu. Siyanibikela Majwara nam Makuboni, kuba lentokazi ibizalwa yintombi ka Ngwanja

Lentokazi panbi kwengqakaqa yama Ntinde ibisesikolweni sikamfi u Rev. J.

